Joint Congress & Legis Committee · E02 · 3

# UMQULU WENKULULEKO

## EYANGQINWA KWI NGQUNGQUTHELA YABANTU EKLIPTOWN ERAUTINI NGO JUNE 25 NE 26 1955

Tina Banut beli lo Mzantsi wase Afrika sazisa eli letu kunye nehlabati lonke lipela ukuba:

elilizwe lela bemi balo bonke, abantsundu kunye na bamhlope, kungeko rulumente une gunya lokulilawula ngapandle kokuba elo gunya ulinikwe ngabemi bonke belilizwe.

abantu ba kowetu ba pangwe ilungelo labo lemvela ba hlutwa umhlaba wabo, inkululeko kunye no xolo, behlutwa ngurulumente olawula nge nkohlakalo nangokuvumela ingcinezelo ya bantu abantsundu nga belungu.

Elilizwe letu alisoze libe nenqubelapambili okanye inkululeko de kubeko ubuhlobo kunye nobuzalwane kubo bonke abantu balapa, de babe namalungelo afanayo;

lilizwe lenkulululeko qa, elilawula ngedlela etandwa ngabemi bonke balo elinokwenza ukuba onke amalungelo esahlutwa wona sipinde siwafumane, nokuba ulelipina uhlanga, nokuba uyindoda okanye umntu obinqileyo, nokuba unqulo lwako luyintonina:

Ngoko ke tina bantu belilizwe, abantsundu, kunye na bamhlope masibambane ngezandla, tina zinkulelwane zelilizwe kunye nani bantakwetu samkele lo Mqulu we Nkululeko. Siyafunga ukuba siyakuba ngamafela ndawonye silwe ngobu gora nangawo onke amandla etu side siyifumane inkululeko.

### ABANTU BAYA KULAWULA!

Wonke umntu oyindoda kunye nababinqileyo bayakuba ne lungelo lokuzigqatsa babe ngamalungu epalamente neminye imibuto eyenza imiteto;

Bonke abantu bayakuba ne lungelo lokutata inxaxeba kulawulo lelizwe labo;

Abantu bayakuba namalungelo alingaway amadoda kunye na bafazi, abantsundu kunye na bamhlope.

Yonke imibuto yoku lawula abantu abacinezelweyo ngumbuso, weli lizwe kunye nemibuto yokucebisa urulumente kwizinto zokulawula abantu abapetwe rabaxa iyaku peliswą abantu ba nikwe imibuto efanelekileyo yokuzipata.

## INTLANGA ZONKE ZIYAKUBA NAMALUNGELO ALINGANAYO!

Zonke intlanga ziyakuba namalungelo alinganayo kumateko ka rulumente, ezinkundleni zamatyala nase mazikweni emfundo.

Bonke abantu bayakuba nelungelo lokusebenzisa ilwimi zabo noku hlumisa amasiko kunye nezitete zabo.

Zonke intlanga ziyaku kuselwa ngomteto kuzo zonke izituko ezingcolisa ubuzwe kunye nebongo labo.

Ukushumayela ingcinezelo yolunye uhlanga ngolunye nokudela kolunye uhlanga ngolunye kuya kwehlwaywa.

Yonke imiteto yocazululo pakati kwabamhlope nabantsundu iyakutshitshiswa.

## UBUTYEBI BELIZWE BUYA KWEHLUWA PAKATI KWA BEMI BONKE

Ubutyebi belizwe buyakubuyiselwa kubantu balo bonke.

Igolide nedayimani kunye nabo bonke ubutyebi bentsimbi obungapantsiko mhlaba buyaku nikelwa abantu bonke.

Onke amashishini ayaku ncedisa impilo ne nqubela pambili yabantu.

Bonke abantu bayakuba nelungelo lokurweba apo batanda kona, izinto zokurweba nokufundela nayipina into abayitandayo.

## UMHLABA UYAKWABIWA PAKATI KWABO BAWULIMAYO

Akuko mntu uyakuvunyelwa ukuba apange wonke umhlaba eyedwa; Umhlaba uyakwabiwa pakati kwabo bawulimayo ukuze indlala ipele. Kumke nokunqaba kwomhlaba.

Urulumente uyakuncedisa abalimi ngempahla yokulima, ngembewu nangamakuba anamhlanje okulima nagokwaka amadama okusindisa umhlaba kunye nabalimi.

Bonke abalimi bayakuba nelungelo lokuya apo batanda kona.

Bonke bayakuba nelungela lokwaka napina apo batanda kona.

Abanta abasayi kupangwa inkomo zabo, itilongo zase zifama kunye nokusetyenziswa kwabantu ngetshitshi ziyakutshatyalaliswa.

## BONKE ABANTU BAYAKUPATWA NGOKULINGANAYO EMTETWENI

Akuko mntu uyakubanjwa, agxotwe kwikaya lake okanye avalelwe ndawonye ityala lake lingatetwanga kakuhle.

Umntu uyakugwetywa ngumntunje osebenza ku rulumente:

Inkundla zamatyala ziya kumela abantu bonke;

Umntu ayakuvalelwa etolongweni ngamatyala anzima acukumisa abantu, injongo zokuvalelwa komntu iyakükuba agqoboke aziyeke izinto ezimbi ingasikuko ukumohlwaya;

Bonke abantu ngokufanayo bayaku vumeleka ukuba babe nga mapolisa namalungu empi, bayakuqeqeshelwa ukuba babe nga bancedisi naba kuseli abantu;

Yonke imiteto yenketa bala iyakutshatyalaliswa.

## ONKE AMALUNGELO AYAKUNIKWA BONKE ABANTU

Umteto uyaku likusela unapakade ilungelo labantu lokuba nentlanganiso batete ngeze nkululeko, ba papashe amapepa ngokutanda kwabo. Bayakuvunyelwa ukuba bashumayele banqule ngokutanda kwabo ba fundise abantwana;

Ukugqogqwa kwezindlu ngamapolisa kuya kutshatyalaliswa.

Abantu baya kuvunyelwa ukuba basuke kwenye indawo baye kwenye ngokukululeka. Bayakuvunyelwa ukuba bemke kweli baye pesheya kolwandle.

Amapasi kunye neminye imiteto ye ngcinezelo iyakupeliswa.

## UMSEBENZI UYA KWANELA BONKE ABANTU BONKE ABANTU ABASAYI KUYO YIKA INGOMSO

Bonke abasebenzi baya kuba nelungelo lokwaka imanyano zaba sebenzi, bonyule abapati bemicimbi ye manyano benze izivumelwano kunye na baqashi.

Wonke umntu uyakuba ne lungelo anyanzeleke ukuba asebenze, abatalwe ngokuzeleyo xa epume emsebenzini.

Onke amashishini ayakuvuleka kwabo bawafaneleyo;

Amadoda naba tozi bentlanga zonke bayakufumana umvuzo ofanayo ngomsebenzi ofanayo.

Abasebenzi baya kusebenza i yure ezinga mashumi amane ecaweni, umteto uyaku yinqanda into yokuba abasebenzi ba batalwe imali engapantsi kwe nani elitile. Bayaku batalwa imali ye holide, imali yokugula kunye neyokuncedakala.

Abembi bemigodi, aba sebenz'emakishini, ezifama nakurulumente, bayaku patwa ngoku linganayo.

Ukusetyenziswa kwabantwana, inkomponi, ukubatalwa kwabantu ngo tywala zonke ezizinto ziyaku tshatyalaliswa.

## INGCANGO ZEMFUNDO KUNYE NE MPUCUKO ZIYA KUVULELWA WONKE UMNTU

Urulumente uya kuhlumisa ancedise zonke izinto ezibonakalisa isipo nobugcisa besizwe;

Indyebo zoluntu ziya kuvuleleka kuwo wonke umntu, ngokubolekana incwadi nangokuraqa izimvo nempembelelo ezivela kwamanye amazwe.

Imfundo iyakuba fundisa abantwaya ukutanda izwe labo, ubuzalwane, inkululeko kunye no xolo.

Imfundo iyakuba mahala, iyakunyanzeleka, iyakulingana kubonke abemi beli lo Mdibaniso.

Imfundo epakamileyo neyobugcisa iyakunikwa bonke abayi faneleyo. Urulumente uyaku kupa imali yokubafundisa mahala.

Urulumente uyakwenza ukuba bonke abantu abadala abangazange bayifumane imfundo bafundiswe.

Otishala bayakunikelwa onke amalungelo nje ngabanye abemi.

Inketo ngenxa yebala kwitzinto zempucuko, kweze midlalo neze mfundo iyakutshatyalaliswa.

## KUYA KUBA K0 IZINDLU, UKWONWABA NOKWANELA

Bonke abantu bayakuba ne lungelo lokuhlala apo batanda kona, baya kunikwa izindlu ezifanelekileyo, baxabise ukonwaba kunye nokwanela.

Irente kunye namaxabiso onkutenga izinto ayaku ncitshiswa; ukutya kuya kuba kuninzi abantu batye bahlute.

Abantu bayakunyangwa mahala, amanina ayakunonotshelwa, kuyakutatwa amanyatelo okutintela izifo;

Amabodlo ayakudilizwa, kuyakubako izinto zokuhamba eziya kwindawo zabantu zokuhlala, indlela, ugesi, indawo zokudlala nendawo zendibano.

Abadala, inkedama, ingxwelera ne zigulana ziyaku nonotshelwa ngu rulumente.

Bonke abantu bayakuba ne lungelo loku pumla, lokonwaba ne loku dlala.

Ilokishi ezibiyiweyo nendawe ezicandelwe intlanga ngentlanga ziyakutshatyalaliswa, nemiteto eyahlukanisa abantu bomzi.

## KUYAKUBAKO UZOLO KUNYE NEMVISISWANO

Eli letu iyakuba lilizwe elizipete elakuzilonela, zonke ezinye izizwe

Eli lizwe letu liyaku lwela uxolo pakati kwazo zonke izizwe liyakuzama ukuba zonke izizwe zizixoxe zonke impikiswano zizifeze ngengxoxo ngapandle kwemfazwe.

Uxolo nemvisiswano kubantu bonke belilizwe luyakuvela xa abantu bena malungelo afanayo.

Abantu base Lusutu, ela Bechuana nelamaSwazi bakululekile ukuba batsho ngokwabo ukuba bafuna ukuba amazwe abo alawulwe ngu bani.

Tina apa e Africa siyaku visisana ngokuba siyamkele into yokuba bonke abantu base Afrika bane lungelo lokuzipata.

Bonke abatanda inkuleko mabavumelane nati bati: "Le nkululeko siyakuyi lwela nje nga mafelandawonye de siyifumane."

---

Issued by Joint Congress Committee, P.O. Box 4552, Cape Town.
Printed by International Printers, 33, Van der Leur Street, Cape Town.

JH5 (12) JH5

THE IMPERIALISTS MUST

# QUIT EGYPT !

WEEKS HAVE GONE BY SINCE BRITAIN, FRANCE AND ISRAEL SHOCKED THE WORLD BY THEIR DIRTY AND UNPROVOKED ATTACK ON EGYPT.

THE UNITED NATIONS CALLED UPON THEM TO **CEASE FIRE** AND WITHDRAW FROM EGYPTIAN TERRITORY.

BUT THEY ARE STILL THERE. THEY ARE SENDING, MORE TROOPS IN. ANY DAY THEY MAY START A NEW ATTACK ON INNOCENT PEOPLE, BOMBING THEIR HOMES AND KILLING CIVILIANS.

**WORKERS ! DEMOCRATS !**

**NON-EUROPEANS !**

SHOW YOUR SUPPORT FOR OUR FELLOW AFRICANS IN EGYPT ! JOIN THE WORLD DEMAND—

**HANDS OFF EGYPT !**
**IMPERIALISTS MUST WITHDRAW !**
**FREEDOM FOR AFRICA !**

COME TO THE GREAT

## QUIT EGYPT RALLY

COME AND HEAR WELL-KNOWN SPEAKERS

## BROADWAY CINEMA

(24, LOVERS WALK) FORDSBURG

## SUNDAY, 25th NOVEMBER
## at 2.30 p.m.

---

Issued by A.N.C., T.I.C., S.A.C.P.O. C.O.D., S.A.C.T. Box 2948, Jhb.
Royal 1156

